**ISEBE LEMFUNDO LASEGAUTENG**
**UVAVANYO LWEBANGA LESHUMI ELINESIBINI**

**ISIXHOSA ULWIMI LWENKOBE**
**UHLELO OLUPHANTSI**
**(Iphepha Lesithathu)**

**IXESHA: 2 iiyure**

**AMANQAKU: 80**

**IMIYALELO:**

- Eli phepha linamacandelo amathathu - A, B, no-C.
- Kwicandelo A phendula umbuzo ube MNYE.
- Kwicandelo B phendula imibuzo ibe MIBINI ukanti ku-C uza kukhetha uphendule ube MNYE.
- Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.
- Bhala icandelo ngalinye kwiphepha elitsha.

## ICANDELO A

### UMBUZO 1
### IZINCOKO

Bhala isincoko sibe SINYE ngomfanekiso okanye ngesihloko osinikiweyo esimalunga nama (250-350) amagama) okanye amaphepha amaBINI azeleyo.

1.1 Bhala isincoko-mbaliso esinesihloko esithi 'Izinto zalo mhlaba zingamajingi-qhiwu.

1.2 Bhala isincoko esixoxayo ngalo mfanekiso ulandelayo, ngesi sihloko "Ingathi unomkhethe nje lo rhulumente, ayide ifike ke nkxaso-mali apha kum…"



1.3 Ungachaza ntoni ngalo mfanekiso uwubonayo? Khawusiphakele sihluthe nathi ngawo ngesihloko esithi 'kwakuxhelw'eXhukwane kwiimazi mhla kwakuphuma amakrwala / intonjane.



1.4 Bhala isincoko kuvokotheke ngesihloko esithi; 'ukuba ndingaba ngusomashishini onempumelelo'.

1.5 Bhala isincoko esithi , 'Okuthe kwandehlela ebomini bam okukhokelelel' ukuba mandibe namhlanje ndilele kule ndawo, ndilinde imini yam yokufa.

**AMANQAKU ECANDELO A: [30]**

## ICANDELO B

### UMBUZO 2

Bhala iphepha elinye elizeleyo ngomhlathi omNYE kule mibini ilandelayo.

2.1 Ungumfundi webanga leshumi okrelekrele kwizifundo zakhe. Phambi kokuba ubhale iimviwo zakho zokuphela konyaka, uye waswelekelwa ngabazali bakho kwingozi yemoto. Ujongene nengxaki yokuqhubela phambili ngezifundo zakho ukuze wakugqiba ufundise umnakwenu. Bhalela isebe lezeNtlalontle ubazise ngale ngxaki, ucele uncedo kubo.

2.2 Bhalela umhlobo wakho incwadi ngengcingane evuselelwa ngulo mfanekiso.



(15)

## UMBUZO 3

Bhala iphepha elinye elizeleyo ngomhlathi omNYE kule mibini ilandelayo.

3.1 Bhala imizuzu yentlanganiso ethe yabanjwa ngabahlali emveni kokuba kwehle oku kukulo mfanekiso.



(15)

## OKANYE

3.2 Bhala isigxeko-sincomo sencwadi okhe wayicoselela wayifunda, wayiqonda ngokupheleleyo into engayo. (15)

## UMBUZO 4

Khetha ubhale umhlathi omNYE kule ilandelayo uzalise iphepha libe linye.

4.1 Ugqiba ukuphumelela izifundo zakho zokunceda abathatha kade kwizifundo zabo. Bhala isibhengezo, uzazise ngokupheleleyo ukuze abazali neetitshala zezo zikolo zikubone usisisombululo kwiingxaki ekukudala bemhoka-mhokana nazo. (15)

4.2 Ikampani yakwaTelkom ifuna abantu abaphumelele emagqabini izifundo zeSayensi neziBalo. Unguloo mfundi uphumeleleyo, thumela ngokukhawuleza isivi yakho eneenkcukacha zakho zonke ukuze ubunethamsanqa lokutyunjwa kwelo ninzi labafundi bafake izicelo.

**AMANQAKU ECANDELO B: [30]**

## ICANDELO C

### UMBUZO 5
### IINTSOMI

5.1 ***Sasinoncwadi Kwatanci* - S.C. Satyo Nabanye**

5.1.1 Zibaluleke ngantoni iintsomi? Nika imisebenzi ibe MINE 1x4=(4)
5.1.2 Yakha amaqhina anokuba neempendulo ezifana nezi:

(a) Ngumthi.
(b) Yibhayibhile.
(c) Sisibhakabhaka nomhlaba.
(d) Ngumtshayelo. 1x4=(4)

5.1.3 Ithetha ukuthini le ntloko ithi "Sasinoncwadi kwaTanci" (3)
5.1.4 Yiza nemvelaphi yeli qhalo "Isiziba siviwa ngodondolo." (5)
5.1.5 Nika iindidi zibe NE zoncwadi lwatanci. 1x4=(4)
**[20]**

**OKANYE**

5.2 Kwincwadi yakho yeentsomi ncothula intsomi engodyakalashe nengonyama. Yihlalutye ubonise ubunyaniso boluvo oluthi "Izidenge lilifa lezilumko"

Qamela phezu kwezi ngongoma:

5.2.1 Udyakalashe nabantwana bengonyama. (6)
5.2.2 Udyakalashe neemfene. (6)
5.2.3 Ingonyama neemfene. (8)

**AMANQAKU: [20]**

**OKANYE**

## UMBUZO 6
## AMABAL' AMAFUTHSANE

***Apha Naphaya* - D.M. Jongilanga**

6.1 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo:

> "Uxakwe yintoni? Ungalibala kukuhlala nendoda engalimiyo, elibele kukulimisa abantwana, ize igqibele ngokungafuni ukuya emLungwini. Yivimbe ukutya qwaba, ukuba akwenzi oko uya kurhuba le lali ude udumbe amazantsi kukubhadula ezi zitya." Watsho ephakama, guphu kuloo ngxowa yayigqunywe ngeseyile."

| | | |
|---|---|---|
| 6.1.1 | Sithini isihloko seli balana? | (1) |
| 6.1.2 | Ngubani isithethi apha? | (1) |
| 6.1.3 | Sithetha nabani kanye? | (1) |
| 6.1.4 | Xela igama lale ndoda ingalimiyo. | (1) |
| 6.1.5 | Ngaba lo mntu ucetyiswa apha walithabatha eli cebo? Xhasa impendulo yakho. | (4) |
| 6.1.6 | Liqhubeka kweyiphi ilali eli bali? | (1) |
| 6.1.7 | Le ndoda yaya kuwufumana phi umsebenzi? | (1) |
| 6.1.8 | Yafumana msebenzi mni? | (3) |
| 6.1.9 | Yayiqeshwe ngubani apho? | (1) |
| 6.1.10 | Yayisamkela malini ngenyanga? | (1) |
| 6.1.11 | Ekubuyeni kwayo ekhaya yafika yenza ntoni ukuphucula ubomi bayo? | (3) |
| 6.1.12 | Ngesivakalisi esinye chaza imfundiso esiyifumana kweli balana. | (2) |
| | | **[20]** |

**OKANYE**

6.2 Hlalutya eli balana lithi 'Indlal'inamanyala' phantsi kwezi ngongoma zilandelayo:

| | | |
|---|---|---|
| 6.2.1 | Ingxaki kaNozenza. | (3) |
| 6.2.2 | Imizamo kaNozenza yokuzikhulula kule ngxaki. | (8) |
| 6.2.3 | Isisombululo sale ngxaki. | (5) |
| 6.2.4 | Imfundiso yombhali. | (4) |

**AMANQAKU ECANDELO C: [20]**

**AMANQAKU SELEWONKE: 80**

**ISIPHELO**